Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

AGASTI 2018

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

UKUTSHINTSHISELANA NGOBUNINI-PROPATHI (ITAYITILE) YINTO ELULA KAKHULU: NGAKUMBI XA SUKUBA SISEBENZISA IMIGAQO EMISELWEYO

Ngokwasemthethweni, akukho propathi inokugqithiselwa komnye umntu ukuze abe ngumnini wayo ngaphandle kwesiqinisekiso esikhutshwa ngabasemagunyeni esichaza ukuba onke amatyala erhafu uwahlawule (i-RCC) ngokuphathelele neenkonzo eziquka intlawulo yamanzi, inkunkuma kwanokuba yonke imali ekucingeleka ukuba ilityala kule propathi ihlawulwe ngokupheleleyo.

I-Overstrand ibongoza wonke umntu onengcinga yokuthengisa okanye yokufumana ipropathi komnye umntu ukuba acacelwe kakuhle yile miba ilandelayo ukuthintela amagingxi-gingxi anokuvela xa kutshintshelwana ngobunini-propathi.

Indawo yokuqala neyona iphambili, i-Overstrand's Rates and Data Control Office ingathanda ukuba icace into yokuba izicelo zokufumana iziqinisekiso zokukhutshwa kuluhlu lwabatyala iinkonzo ezihlawulelwayo (irhafu) ziphicothwa yingcali yokuthengiswa kwepropathi nemihlaba (igqwetha lenkundla ephezulu) ***aziphicothwa*** ngulowo uthengisa ipropathi.

UMasipala yena ukhupha isiqinisekiso sokukhutshwa kuluhlu lwabatyalayo kuphela xa ethe wafumana ifomu esetyenziselwa ukwenza isicelo, nawo onke amaxwebhu afanelekileyo, kwingcali yokuthengiswa kwepropathi nemihlaba.

Nangona kunjalo, umthengisi yena uhlala enoxanduva lokuhlawula zonke iindleko ezidalwa yiyo yonke le meko, nakukuhlawula ngokupheleleyo nayiphi na imali elityala kumasipala. Okwesibini, isicelo sokukhutshwa kuluhlu lwabatyala irhafu ngokuphathelele nepropathi engafakelwanga, ekungachithwanga nazindleko ngokuyilungisa, siza kufunisa ukuba iSebe lezoCimomlilo lisihlole kuqala, phambi kokuba ingcali yokuthengiswa kwepropathi nemihlaba yaziswe ngetyala eliyimali ekusafuneka ihlawulwe.

Xa kunokwenzeka ubani afune ukuthenga isitandi esinokudala ukuqhambuka komlilo loo nto ingabangela ukuba kwiimali aza kuthi azihlawule umthengisi, afakele nedipozithi yokususa ubugoxo kwesi siza sakhe ngaphandle kokuba isiza esi asinabugoxo, sihlolwe ngokuphindwe kabini kwaye sikhutshelwe isiqinisekiso liSebe lezoCimomlilo sokuba asinakudala ukuqhambuka komlilo.

Qaphela kwakho, into ethi, emva kokuba isicelo sokukhutshwa kuluhlu lwabatyala iimali zikamasipala singenisiwe, kufuneka umasipala anikwe iintsuku ezili-10 zokusebenza ukuze athumele i-akhawunti emayihlawulwe, nezinye iintsuku ezili-10 ukuze enze isiqinisekiso sokukhutshwa kwalowo kuluhlu lwabatyala iimali zikamasipala (i-RCC) loo nto yenzeke xa kuthe kwacaca ukuba onke amatyala ahlawulwe ngokupheleleyo.

Kwimeko apho umthengisi enza izigqibo zokuhlawula imali eseleyo kwipropathi ngokuthethana nomasipala, akasayi kusinikwa isiqinisekiso soku kukhutshwa kuluhlu lwabatyalayo de abe ulihlawule ngokupheleleyo lonke ityala kwi-akhawunti yakhe.

Iziqinisekiso zokukhutshwa kuluhlu lwabatyala iimali zikamasipala ziphelelwa emva kweentsuku ezingama-60, kwaye imali ekufuneka ihlawulwe kwi-akhawunti iza kuquka intlawulo yeenyanga ezintathu nehlawulwa ngexa elingaphambili, idibanise netyala elikhoyo kwi-akhawunti ngelo xesha. Kwimeko apho ipropathi ithengiswa inesixhobo sokubala amanzi/umbane osetyenziswayo, umthengisi uyakhunjuzwa ukuba aqiniseke ukuba amaxwebhu okucima nokuvala ukuhanjiswa kwezi nkonzo wawagcwalisa ngokufanelekileyo ukuze ipropathi ibenokutshintshelwa kumnini-propathi omtsha (umthengi).

Ngokufanayo, abo bathenga ipropathi enesixhobo sokubala amazi/umbane osetyenzisiweyo bayakhunjuzwa ukuba bagcwalise iifomu zokufakelwa amanzi/umbane. Ezi fomu zifumaneka kwiwebhusayithi kaMasipala waseOverstrand.

Nayiphi na imibuzo ephathelele noku kungentla apha mayibhekiswe kwiRates and Data Control Office kaMasipala waseOverstrand ngokuqhagamshelana nabo ngale nombolo: 028 313 8000 (ifekisi ithi 028 312 1894) okanye nge-imeyili kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za.

BATHENGISI BEZINDLU QAPHELANI!

Nabani na owenza umsebenzi wokuqeshisa okanye ukuthengisa izindlu kufuneka awufundisise awuqonde kakuhle umthethwana kaMasipala waseOverstrand ngokuphathelele nokuxhoma iibhodi zentengiso esithubeni.

Xa kunokufumaniseka ukuba le ntengiso ayenziwanga ngokwemigaqo emiselweyo, okanye le nto kutsalwa ngayo umdla wabathengi/okanye ibhanile isitha ababambingeenyawo okanye abaqhubizimoto kwiindawo ezingamagophe, lowouyixhomileyo uyakuzibizela umdliwo omkhulu. Qaphelani! ukuba uMasipala waseOverstrand unegunya lomthetho lokuba othule zonke iibhodi zentengiso kunye/okanye izinto ekutsalwa ngazo umdla wabathengi ukuba ukuxhonywa kwazo kubeka ukhuseleko loluntu esichengeni. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngendlela ekufuneka ezi bhodi zenziwe/zixhonywe ngayo nokwazi banzi ngemigaqo emiselweyo yiya ku-www.overstrand.gov.za/en/documents/bylaws ufundisise kakuhle icandelo 1.9, 5.3 kunye noShedyuli A walo mthethwana kuxoxwa ngawo.

Ukutyikitywa kwesivumelwano esitsha (iKarwyderskraal agreement) kwenze imbali

I-Overstrand iqinisekiswe ngeminyaka esi-8 ukuba ivumelekile ukuba ingene kwisayithi eseKarwyderskraal ilahle inkunkuma yayo.

Emva kweengxoxo ezibenempumelelo, uMasipala woMmandla waseOverberg (i-ODM), noMasipala waseTheewaterskloof bafikelele kwindlela abaza kusebenzisana ngayo xa belahla inkunkuma yabo kwisayithi yenkunkuma eseKarwyderskraal.

Esi sivumelwano sityikitywe ngoLwesihlanu umhla wesi-6 kuJulayi 2018, siquka yonke inkunkuma enokuchithwa kwindawo eyombiweyo kule sayithi yokulahla inkunkuma iseKarwyderskraal. Kuqinisekisiwe ukuba isakuba yombiwe le ndawo iza kuhlala ivuliwe iminyaka esi-8 isetyenziselwa ukulahla inkunkuma.Ngokuphathelele nesi sivumelwano, i-ODM ivumile ukuba iza komba ngokutsha kwalapha kule sayithi yokulahla inkunkuma ukuze ubukhulu bale ndawo bukwazi ukuba bungaginya inkunkuma kamasipala waseOverstrand, eTheewaterskloof kunye neyabanye kwingingqi yaseOverberg abanomdla wokulahla inkunkuma yabo kule sayithi.

Ingqikelelo eyenziweyo ithi, le ndawo yombiwe ngokutsha ikhangeleka inako ukufaka ama-200 000 eetoni zenkunkuma yasemgqomeni.

Xa sikhangele kolu balo, sisazi nokuba uhlumo loqoqosho luthini, le ndawo yombiweyo ingathabatha ixesha eliqikeleleka kwiminyaka esi-8 ukuze izalise yinkunkuma, ze loo nto ifunise ukuba kubekho iqela eligunyaziswa ukuba lombe omnye umngxuma. Kuqikeleleka ukuba le sayithi yaseKarwyderskraal ingasebenza njengendawo yokulahla inkunkuma ze imumathe, iginya njalo-njalo, iminyaka engama-55.

Ngexesha lokukutyikitywa kwesi sivumelwano, uCoenie Groenewald onguMphathi kaMasipala waphawula ngelithi, ezi ngxoxo bezinzima kwaye ukutsala kwazo ixesha elingaphezulu kweenyanga ezili-18 kwandulele ukuba uMasipala waseOverstrand namanye amaqela bazibophelele kwisivumelwano sokucutha ukutshiswa kwenkunkuma ngelokuthintela ungcoliseko lomoya yikharbondioxide, ukuze loo nto yenze ixesha lokusetyenziswa kwale ndawo njengetiphu lande.

Emfanekisweni nguDavid Barretti onguMphathi kaMasipala kuMmandla weOverberg (uhleli phantsi) utyikitya isivumelwano ngomgangatho wokunikezelwa kweenkonzo, abakhangele kuye (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) nguCoenie Groenewald uMphathi kaMasipala waseOverstrand, nguSantie Reyneke-Naudé uMlawuli kwiSebe lezeMali noStephen Müller onguMlawuli kwiSebe lokuCeba iZibonelelo, kunye noGerrit Matthyse onguMphathi kaMasipala waseTheewaterskloof, yena umele qelele kwisandla sasekunene.

EMOLLERGREN PARK KUFAKELWA IINGCINGO ZIKAGESI EZIHAMBA NGAPHANTSI KOMHLABA

Umbane ohamba ngeepali zikagesi noqhagamshelanisa iMollergren Park nesitishi ekulayitwa kuso eHermanus utshintshelwa kumbane ohamba ngeengcingo ezombelwa ngaphantsi komhlaba.

Njengenxalenye yokuphucula iziseko zokufakelwa kombane kulo mmandla izitalato ziza kufakelwa izibane zikagesi.

UMasipala waseOverstrand ucela uxolo ngokuzithoba okukhulu ngenkxamleko edalwe kukombelwa kwezi ngcingo, kwaye ufuna ukuqinisekisa bonke abachatshazelwa ngulo msebenzi ukuba le projekthi iza kwenziwa igqitywe ekupheleni koSeptemba 2018.

UKONGA AMANZI YILE NTO IFUNEKAYO! MASIQALISE NGOKU!

Phakathi kwabantu abathi bathabatha inxaxheba kumboniso ofundisa ngamanzi nokulondolozwa kwawo ngoncedo loonodoli, nowawusingathwe yiOverstrand eZwelihle Primary (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) yayinguKholeka Sampo oliSekela-Nqununu, u-Anette Kahts oliqhaji leStory Team, uFundiswa Mpobongo ongutishalakazi, uMarhette van Huyssteen weStory Team, uJohan van Taak onguMphathi kwiSebe lozokuThuthwa kweNkunkuma, uCeleste Loriston noThozama ManganaTukutezi beStory Team, Deputy Director: Engineering Planning uHanréBlignaut oliSekela-Mlawuli: iSebe lezobuNjineli noYilo kunye noNompucuko Monakali oyititshalakazi . Kumqolo ongaphambili nguEsethu Mdumela noOnele Qete abangabafundi.

Kutsha nje abafundi kwiBanga labaQalayo eZwelihle Primary bavuyiswe kukutyelelwa kwabo ngamaqhaji omdlalo othi Story Team njengephulo lokunabisela imfundiso ngesaci esithi "sukudinga amanzi, walondoloze" kwabo baselula.

Ngeli xesha lonyaka lo mboniso woonopopi-wenzeka ngenkxaso kaMasipala waseOverstrand kwaye intsingiselo ijolise ekuphenduleni umbuzo othi kutheni le nto kubalulekile ukuba kongiwe amanzi, kwenziwe izinto ngokutsha, kuthintelwe ungcoliseko lwamalwandlekazi ethu.

Lo mboniso woonopopi wenziwa ngesiNgesi, ngesiAfrikaansi nangesiXhosa kwizikolo zamabanga aphantsi ezikuwo wonke ummandla waseOverstrand - Injongo yawo kukubethelela ingqiqo yokuhlonipha, yokuba nemvakalelo nokuthabatha uxanduva ngeplanethi yethu, nokubonisa indlela ezihlangana ngayo ii-ekhosystim.

Ingaba ukhubazekile, wamkela umhlalaphantsi okanye ungumlimi?

Kungenzeka ukuba uselungelweni lokuthotyelwa intlawulo yerhafu

Abalimi, abamkeli bomhlalaphantsi nabakhubazekileyo basikelwe ixesha eliphela ngomhla wama-30 kuSeptemba 2018 ukuba bangenise izicelo zokuthotyelwa intlawulo yerhafu kwiinkonzo ezihlawulelwayo zikamasipala nakwintlawulo etsalwa yi-ofisi yombuthi werhafu eOverstrand's Rates and Data Control Office.

Kwimeko yabo bangabalimi, ipropati esetyenziselwa ukulima iza kufakwa phantsi koluhlu lwerhafu "ABALIMI", kuxhomekeke ekubeni lowo uzibiza ngokuba ngumnini-propati okanye umlimi uza ngaphambili nobungqina ubuchaza ukuba le propati uyisebenzisela ukulima kusini na.

Ukuthotyelwa intlawulo yerhafu kwabo bamkela umhlalaphantsi okanye abo bakhubazekileyo, kuya kuqwalaselwa xa sukuba:

- Umnini/Abanini-propathi engummi/abemi waseMzantsi Afrika
- Um/Abafaki-sicelo ngum/ngabanini-propathi ngokusemthethweni
- Um/Abanini-propathi bahleli apha kulo mhlaba njengendawo yabo yokufihla intloko
- Um/Abanini-propathi bawafincile ama-60 eminyaka okanye bafumana imali yokukhubazeka kurhulumente
- Ingeniso yabantu abaphangelayo kweli khaya ngenyanga ayikho ngaphezulu kwemali yendodla ehlawulwa ngurhulumente ngokuphindaphindwe kasi-8 (ama-R13 520)
- Le propathi ineyuthi enye elungiselelwe ukuhlala abantu
- Um/Abafaki-sicelo banepropathi enye kuphela phantsi kwegama labo

Amaphepha okufaka isicelo sokuthotyelwa intlawulo yerhafu ayafumaneka kwiwebhusayithi kaMasipala waseOverstrand ethi: www.overstrand.gov.za. Imibuzo ngokuphathelele noku kubhalwe ngentla apha mayibhekiswe kwi-Rates and Data Control Office ngokuqhagamshelana nabo ngale nombolo: 028 313 8000 (ifekisi ithi: 028 312 1894) okanye ngeimeyile, ibhekiswe kule dilesi: enquiries@overstrand.gov.za.

INKONZO EHANJISWA YILOLI EXHOTYISWE NGETANKI NOMATSHINI WOKUFUNXA ILINDLE?

- Ngenisa isicelo sokufakwa kolunye uluhlu lwamaxabiso erhafu phambi komhla wama-30 kuSeptemba

IIKLAYENTI EZINAMAPITSI NEZINGAKWAZIYO UKUNXIBELELANA NEZITISHI EZINEMIBHOBHO YOKUHAMBISA ILINDLE zinokungenisa ekuqaleni konyakamali isicelo sokufakwa kolunye uluhlu lwamaxabiso erhafu, okanye kubekho utshintsho olwenziwayo kwintlawulo yerhafu xa sukuba umnini-propathi engenayo ithoyilethi egungxulwayo.

Isimo sentlalo: uhlobo loku-1

Uhlawula imali engama-R89.17 engummiselo nerhafu yezibonelelo eli-R10.94 ngenyanga, emva koko qonda kakuhle ukuba imali engama-R608.80 nge-6 kℓ okanye inxalenye yayo iya kuhlawulwa ngalo lonke ixesha iloli yokufunxa ilindle ibizwa ukuba inikezele ngale nkonzo (iiyure zomsebenzi, okt. ngeentsuku zeveki phambi kwentsimbi ye-15:00) okanye i-R1 217.60 nge-6 kℓ okanye inxalenye yayo (emva kwexesha lomsebenzi) ngexa ngalinye iloli ifika ukuza kufunxa ilindle.

Isimo sentlalo: uhlobo lwesi-2

Uhlawula imali eli-R132.35 engummiselo ne-R14.90 nge-6kℓ yamanzi asetyenziswa ngenyanga, ngokusekwe kumthamo ongama-35 kℓ nosisibonelelo esikhutshwayo ngenyanga (ama-70% kuma-50 kℓ), kunye nerhafu yezibonelelo eli-R10.94 ngenyanga ekunika ilungelo lokubiza iloli ngeeyure zomsebenzi ngaphandle kokuhlawuliswa. Ngokuphathelele nohlobo loku-1 ngentla apha, zonke izicelo zokuziselwa le nkonzo emva kweeyure zomsebenzi ziyakuhlawuliswa i- R1 217.60 ngee-6 kℓ okanye inxalenye yayo.

Imibuzo ngokuphathelele noku mayibhekiswe kwi-Overstrand's Rates and Data Control Office ngokuqhagamshelana nabo ngale nombolo: 028 313 8000 okanye ngale imeyile kule dilesi:enquiries@overstrand.gov.za.

IMITHETHO ENYANZELISA UKUCUTHELWA IMFUNEKO YAMANZI AYIPHELISWANGA

Nangona imvula ebe ilangazelelwa ixesha elide ide yanetha kwezi veki zimbini, abahlali kummandla waseHermanus bayakhunjuzwa ukuba iqondo lesi-2 lemithetho enyanzelisa ukucuthelwa kwemfuneko yamanzi aliphelisiwanga.

Kunjalo nje, lixesha elingange YURE ENYE kuphela ngosuku apho uvumelekileyo ukuba ungawasebenzisa amanzi kamasipala ukunkcenkceshela igadi yakho phambi kwentsimbi ye-09:00 okanye emva kwentsimbi ye-17:00, USUKU OLUNYE ngeveki. Olu suku lunye ngeveki lu-nikwe umzi ngamnye ngokwenombolo yawo esitalatweni. Abantu abahlala kwimizi ebalwa ngenombolo engunombini bavumelekile ukuba basebenzise uLwesithathu KUPHELA, ukuze abo bahlala kwimizi ebalwa ngenombolo engumnqakathi basebenzise uLwesibini KUPHELA. Kuvumelekile ukusebenzisa amanzi kamasipala ngemibhobho enezixhobo zokunkcenkceshela, kodwa ukhumbule ukuba loo nto uyenza ngeyure enye kuphela.

Khumbula nokuba, zona iinqwelo namaphenyane zinokuhlanjwa ngepheyile elinamanzi nelaphu ze kungavumeleki kwaphela ukuhlamba imigangatho yesamente neepavumente ngamanzi.

Abahlali bayakhunjuzwa ukuba amaqula nezitsalamanzi ngaphantsi komhlaba kufuneka abhaliswe ngokusesikweni kwiofisi yomphathi kulo mmandla, kwaye iiklayenti kufuneka zixhome ibhodi enombhalo oza kubonakala ngokucacileyo eluntwini ngokwenzekayo kuloo ndawo.Ukususela ngomhla woku-1 kuJuni 2018, irhafu yeqondo lokuqala lokucuthelwa imfuneko yamanzi iza kufakwa kummandla ophantsi kweofisi yolawulo eHermanus kuphela. Irhafu yamanzi azi-kℓ ezi-6 ngenyanga nasetyenziselwa imicimbi yasekhaya ayinyukanga, kodwa irhafu yamanzi angaphezulu kwe-6 kℓ ngenyanga inyuke ngama-30%. Irhafu yamanzi asetyenziselwa ezinye izinto ngaphandle kwemicimbi yekhaya nayo inyuke ngama-30%.

Khumbula ithontsi ngalinye oligcinayo namhlanje lilingana namathontsi amabini ngomso.

NIKELA NGESISA WOLA INTSHONTSHO LIKANOMBOMBIYA: NIKELA NGESISA ITAWULI

Indawo yokugcina izilwanyana neentaka zaseLwandle ezifana noonombombiya baseAfrika ikwiphulo lokufumana iitawuli ezindala ukuze kombathiswe kugcinwe shushu amantshontsho oonombombiya baseAfrika athe alahlwa ngoonina.

Phantsi kweenzame zokwenzela la mantshontsho indawo ekhusekileyo necocekileyo ngebhokisi yamaplanga angadibananga de kufike ixesha lokuba avulelwe aziphilele ngokwawo, le ndawo yokugcina izilwanyana neentaka zaselwandle kufuneka ithi rhoqo ukukhupha 'umgquba' wezi ntaka: Lo msebenzi uyakruqula.

Yonke iminikelo yesisa yamkelekile, onawo angawushiya kwiSakhiwo i-APSS (sisakhiwo esikufutshane nesiphambuka phakathi kweKleinbaai/Franskraa road) okanye kwenye yeeofisi zokhenketho kwaCape Whale Coast phakathi kwentsimbi ye-09:00 nentsimbi ye-16:00. Le nto unako ukuyenza ngenye indlela, ngokuthi utsalele uGillie Hine umnxeba ngale nombolo 066 480 5054 okanye utsalele abezohlangulo loonombombiya ngalo mnxeba: 072 598 7117. AbakwaAPPS baya kufika bayithathe loo minikelo yesisa.

UMCULO OKUMGANGATHO OPHEZULU UZA KONWABISA ULUNTU **KWIKALFIEFEES**

Kulo nyaka, *iHermanus Times* Kalfiefees iza kuqala ngoLwesithathu umhla wesi-8 kuAgasti iphele ngeCawe umhla we-12 kuAgasti, nakwesi sihlandlo, ithembisa ngokuzisa eHermanus imidlalo yeqonga ekudidi oluphezulu ngolwimi lwesiAfrikansi.

Lo mnyhadala uzisa ukonwaba nochulumanco kuye wonke umntu:

- Abathandi bomdlalo weqonga onemfundiso enzulu bangalindela ukubukela imidlalo emikhulu efana no"Die reuk van appels" kunye no"Soebatsfontein".
- Abo bafuna ukuhleka kuvele nelomhlathi, kukho ezo zineziqhulo njengo"Lag 'n slag" kunye no"Operasie Holm", ngeli xesha intandane yeqhula, uMarc Lottering, ethembisa ukubakrazula imilomo ngentsini ababukeli ngoMgqibelo umhla we-11 kuAgasti.
- Abathandi bomculo bangalindela ukumamela umculo kwiimvumi ezaziwayo njengoKoenie de Villiers, uElvis Blue and Danièle Pascal, ngeli xesha ikwayala yaseStellenbosch iza kuba yenye into eyenza umdla omkhulu.
- Ukongezelela kwezi zinto ziza kuqhubeka, kukwakho neencwadi zabantwana eziza kuhlalutywa nomdlalo weqonga olungiselelwe abantwana.

Musa ukuphoswa ngulo mnyhadala ukhetheke ngokukodwa. Ngena kwiwebhusayithi ethi www.kalfiefees-hermanus.co.za ufumane iinkcukacha ezithe vetshe uqiniseke ngokubhukisha itikiti lakho ngethuba kwiKhomputikethi ethi(0861 915 8000).

UMCULO WEEMVUMI ZASEKHAYA UTSHO NJALO!

NgeCawe umhla we-19 kuAgasti, i-OAK iza kuba ikhwelisa eqongeni **uMegan-Geoffrey Prins** - inkwenkwe ephuma eRiversdale nebethe kophuka iintonga kwezomculo ineminyakana njeeli-11 kwikonsathieyayibanjelweeHermanus! Namhlanje le ndodana yenza izifundo zothweso sidanga sokuba nguGqirha kwezoMculo weQonga eCleveland *Institute of Music*. Le konsathi iza kuqala nge15:30 eCivic Auditorium. I-OAK igqibe ukuba ibenohlobo olulodwa lwekonsathi ngoLwesithathu umhla wesi-5 kuSeptemba ngelithi inika iwonga kwabaphumelele i-Overberg Eisteddfod ngama-80% nangaphezulu. Le konsathi iza kuqala ngeye-19:00. *Amatikiti okungena kwezi konsathi zombini afumaneka kwi-Ofisi yezoKhenketho eHermanus ngokuthi ubatsalele umnxeba ngale nombolo. Nayiphi na imibuzo ekhoyo mayibhekiswe kuRené du Plooy ngokuthi uqhagamshelane naye kule nombolo: 082 940 4238.*